IMVO ZABANTSUNDU
(NATIVE OPINION).

IPEPA LAMAXOSA LEVEK1 ZONKE.] [LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, NOVEMBER 18, 1885. [No. 55

# Iveki.

IJURI imfumene engenatyala u Rev. John D. Don ngokuti kwincwadi awayeyibhalile u Pelser wase Bekesdorp ngumbulali. Ngokoke ite unguye.

UNYANA omkulu ka Mr. Baker, ititshala endala yase Heald Town ose Bensonvale ubhubhe ngolwesi-Bini Iweveki egqitileyo 10 November 1885.

U MR. DON ubuya ngolwesi-Hlanu e Rini, amanene omzi alungiselela ukumamnkela ngemigcobo ekungeneni kwake kulomzi wase Qonce. Kunqweneleka abantsundu bebenenteto abamenzela yona Emcancatweni yokumbulela ngokulwa idabi labo.

LENDLELA intsha izakubandakanya u Gcaleka ne Cawa iseliqaliwe ecwebeni le Xesi kwizibuko Lentlalo. Abanyebabhekisa e Monti abanye e Cawa ukumba kwabo.

U RULUNELI u Sir H. Robinson iyakubuyela e Kapa ingabanga saya e Lusutu Yoya kufika kodwa e Bloemfontein.

U MR. DE WET, Umpatiswa Micimbi Yabantsundu ubese Somerset ekupeleni kweveki egqitileyo ekwindlela yokuya e Mampondweni eyakuggita kwa Komani. Ute selehamba watiwa—khu sisifo wabuyela kwakulomzi.

ABATABATI be *Mvo* bayayalezwa ukuba bayitumele nge Post Office Orders imali yabo yezinyanga zintatu singene kuzo.

UMLILO omkulu usand' ukutshisa izindlu ezikumakumakulu amatatu e Galveston e America.

KE kwatengiswa izagwityi ezidutyulweyo ezikumakulu amabini kwi marike yase Cawa ngeveki egqitileyo, zihambe kwi 9d ne 1s 6d ngesiswenye sentaka ezimashumi mabini.

INDLEKO zokunyanga ingqakaqa kwesisitili zafikelela kwi £1,661 18 6

U ALFRED FARR inene elimhlope lase Nyara unikwe yi jaji iminyaka emine ngokutshisa ivenkile yake.

U MR. WOLF, olilungu le Palamente lase Dayimani, upesheya, uzama iqinga lokuba kwenziwe uloliwe oyakusuka e Kimberley aye e Klip Drift.

IQELA la Batembu abanganeno kwe Ndwe beliye kumantyi wase Komani ngolwesi-Hlanu ukuya kwaneka pambi kwake indawo orora ngazo lomzi ku Rulumeni. Umantyi ubatembisile ukuba uyakuyitumela inteto yabo.

AMADULI abeko ngaleveki igqitileyo pakati kwa Mampondo enkosi u Josiah Jenkins no William Nota, e Rode. Abantu besosikolo bakutshiwe ekaya nga Mampondo, basabela kwa Baca. Unyana ka Nota ungxweleriwe.

SEKE kwako elinye idabi pakati kwa Mampondo na Mabaca.

AWELIPEZULU ngase Bekesdorp abika ukuba ziqalile ukubonakala inkumbi.

IXABISO lombona e Mgungundlovu likwi 12s ne 12s 6d ngengxowa.

INDAWO yobufundisi base Tshatshi ka Rev. Canon Woodrooffe, e Somerset yamnkelwe ngu Rev. J. Cookson wase wase Dordrecht.

U HON. J. W. SAUER, M.L.A., usazakuke ahambele e Alvani, apo angahlala nokuba inyanga zine.

KUNE imvula ezinobom ngo Mgqibelo.

INGXELO yetyala lika Mr. Pelser yongeniswa kwi *Mvo* zeveki ezayo.

# Imvo zabantsundu

NGOLWESI-TATU, NOV. 18,1885

## UMCIMBI KA MABANDLA.

### UMZI wakowetu uyakukoliswa kukuva ukuba umcimbi walomnumzana uyaxoxwa emapepeni

Amangesi, nokuba ihambiso ka Mr. DE WET iyohlwaywa. Ela Mabhulu lase Kapa i *Het Volksblad* liti: —

Bokumbula abafundi ukuba kwezinyanga zimbalwa zipelileyo isibonda esintsundu, esingu Mabandla, sakntshwa kwidiniso lakwa Rulumeni sahlutwa nentlaulo yaso ye £12 ngonyaka, kuba wasuka wanenteto azenzayo kwintlanganiso engemicimbi yolaulo. Amapepa. endaba kwanamalungu e Palamente ayigweba lento, ngokoke kwabonakala kutunyelwa u Mr. Dick ukuba awucedulule lomcimbi, umfumene engenatyala u Mabandla wabuya wamiselwa endaweni yake ke ngu Mr. De Wet, yati into ebeyoniwe kuqala yaba ilungisiwe. Lento ayipelanga apa. kwi *Mvo Zabantsundu* sitabate inteto engebakala lakutshanje ngawo lomcimbi, esingavuyayo ete u Rulumeni wayicaza mhlaimbi wayikanyela inteto ye *Mvo* ukuba ayinabunyaniso, kuba makabe naye u Rulumeni uyazi ulonakalo oludla ngokubako ekutini into enje iyekelelwe ingavisiswanga ezindlebeni zabantsundu.

Elase Bayi i *Port Elizabeth Telegraph,* elingazanga lazifihla imvo zalo kwinto ezipatelele kwabantsundu lenza lamanqaku siwalandelisayo kwangalomcimbi: —

Ukupenulwa kwenkosi ya Mabhele, engu Mbovane Mabandla, inkosi yesizwe esikulu sa Mamfengu, kuqumbise into eninzi yabamnyama kwelase Maxoseni. Singamfundisa siti ga apo sitanda kona ontsundu, kunqabile nkumenza ukuba imbeko ebimkelwa ezinko. sini ngoyisemkulu angayinikeli. Uti Umxhosa uokuba yi Mfengu akuba ezelwe eyi. nkosi afe eyinkosi. Kwamhla wazalwa kude kube mhla afaya ukangelwe njengenkosi nokuba selekutshwe ngu Mpatiswa Micimbi Yabantsundu amaxesha alishumi linambini kwanemantyi ezilishumi linambini zikuha. mbise oko. Abafundi betu bangabuza ke ukuba ungubanina Unkosi u Mbovane, ebeuze ntonina ukuze akutshwe. Soka ngendlelana emfutshane siyipendule lemibuzo. Wonke wolikumbula iliza apa eladlula pezu kwabantu belilizwe ngemini zokufika kuka Sir C. Warren ukuza kuxhasa igama le Nkosazana. Swazi ukuba n Rulumeni wazinqanda zonke izicaka zake ekunikeni imbeko ku Sir Charles. Ababengepantsi ko Rulumeni ababanga namntu ubohlwayayo. Abantsundu balandele abamhlope ngokwenza intlanganiso. Bafundisiwa ngabamhlope ukuba umteto uyavumela ukuba kwenziwe intlanganiso kuxoxwe. Kwenye yezintlanganiso kwabako isigqibo angavisisani naso lo Rulumeni. Sisigqibo esasincoma impato entle yolaulo Iwe Nkosazana ngokoke sisiti eyase koloni apa ayilunganga. Esinye isigqibo sibe sesiti eli inalipatwe e Ngilane. Oku kumoyikisile u Rulumeni, woyike okunye akuva ukuba Uukosi u Mbovane nbengowenani ekubeni esamnkela £12 kuye ngonyaka. Ubekwe ityala ke u Mabandla, walwa wonke ke umzi omhlope nontsundu. Usuke u Rulumeni wabeka zi- zatn zimbi zokumkupa ezinjengokuba esalela abantu ukuba bangarafi; eqeshisa ngomhla. ba ka Rulumeni nangezinye incuku ezininzi. Ude ngemizamo emininzi wenza ukuba umcimbi wake upulapulwe, isimanga kukuba upulapulwa selegwetyiwe endaweni yokuba kube ngapambi koko. Ude Umpatiswa Micimbi wavuma ukummisela endaweni yake. Esisenzo sibonisa ukuba nokuba wayengemsulwa kanye kodwa kwakuko indawo ezibonisayo ukuba ubengenatyala lityulu. Etnva koku kuvele u King (kumnkaui) ongamaziyo u Josefu. U Mr. King, ongamehlo emantyi e Xesi, ubuye wayivusa inteto ngayo ke u Mabandla ukwelelisiwe. Kubonakala ukuba udlelwe indlala ngesisenzo, sibhekisa ku Mpatiswa Micimbi Yabantsundu ukuba, kuyinto elungileyona ukungxwelera intliziyo zabantsundu ngentwana eyeyeke kangaka. Bekungeko mbangi yokukwenza oku. Kukubulala impukane ngesando esikulu samatye. Abantsundu abaneliswa yilento. Sityelwa ukuba kunganeliswa into eninzi yabantu ngokuti esisigqibo asiguqnle u Mr. De Wet. Ukuba ungxanyelwe u Mabandla makangakutshwa ngento angati angabi nentlcni ngayo umntu omhlope.

ITYALA apa elikulu ekade likangelwe lo Rev. John D. Don lipele ngo Mvulo ngokukululwa kwake yi juri ete akanatyala. Esi sisigqibo esikulu, siswele ubuciko bokuvakalisa uvuyo Iwetu ngenxa yaso. Isizeka bani selityala kukuba lo Rulumeni wabeka u Rev. Mr. Don, umfundisi walapa obekwe kunene wa Masko- tshi, ityala lokuba esuke wavakalisa emapepeni endaba ukuyitiya kwake inqubo ka Rulumeni malungana ne Bhulu elingu W. J. Pelser lase Bekesdorp eladubula umntu omnyama ongu Zakariya ekuqaleni kwalonyaka. Lo Pelser akapatwanga ngendla yababulali ukuba asuke abanjwe ze ityala lake liyekutetwa yi Jaji; kubonakele u Rulumeni eyidukisile, unanamhla akakasixeli isizatu sokwenjenjalo kwake. Usuke kodwa wangena kwenkulu indleko yokutshonisa umfundisi wendaba ezingcwele kuba esuke wabuza. Naso ke isiqamo namhla—kutiwe ubengaposisanga yi juri. U Tixo ubengakwisicaka sake. Umzi ontsundu uyakuvuyiseka kakulu ngenxa yesisipelo sehlazo elikulu. Kulungiselelwa ukumamnkela ngemigcobo u Mr. Don ukufika kwake ngolwesi-Hlanu. Siyatemba amawetu akasakuba ngamajingxela kuba eliduli liliwe ngenxa yabo.

# Amanqaku.

KUNGOSIZI olukulu esibika ukubhubha kwendodana engu Mr. George Baker, Jr., umpati wesikolo sase Cumgce, Emampondweni. Ubulewe sisifo samapapu, ekutiwa yi consumption, Emtata, ngolwesi- Bini Iweveki egqitileyo, 10 November, ebudala bukwiminyaka emashumi mabini anantatu. Umfi lo ngunyana omkulu ka Mr. George Baker, umfundisi omkulu wododana kwisikolo sododana oluntsundu e Pousonvale, umhlobo nomkonzi omdala ongadinwayo wezizwe ezintsundu, ominyaka ikumashumi omabini anesihlanu esebenzela izizwe ezintsundu. Uqale ukufunda e Heald Town, emva koko e Bekesdorp pantsi kwenye yetitshala ezibukali zase koloni u Mr. Arthur Goodger, F.G.S., utunyelwee Ngilane kwi Taunton College. Ebuyile uncedise uyise e Heald Town, esusiwe apo usinge e Bensonvale kulendawo akuyo uyise, undululwe apo way a e Thaba Nchu apo ahlale wada wacitwa yimfazwe ka Samuel Moroko. Utunyelwe ke e Cumgce. Zisibozo ngoku iveki wanqumamayo emsebenzini ngenxa yokufa oku kumsusileyo namhla. Into ezinkulu ebesizilindele kuye sisiti uyakutabata umkondo woyise mazibeke zibhangile nokukubhubha kwake esemncinane kangaka. Elixake sivakalisa olwetu usizi olunzulu singa singukhuza usapo Iwakowabo nomzi wakowe- tu ngokulahlekwa yindodana ebebebeke kuyo intonga mayelana nokunyuswa kohlanga.

## UKUFUDUSWA KWA BATEMBU.

Olufuduso, lubangele umoya ongazolileyo pakati kwesizwe esintsundu kwangokunjalo kwesimhlope; andingebisangena ndicaze mhla mnene u Folosi wanentlanganiso yolufuduso, sendotata amanqaku kunteto ezimana zipikisana, ngenteto ayenze lomhla: ipepa lase Queen's Town i *Free Press* lo 30 Oct., kubonakele incwadi kaMr. Baragwanath, abeyitumele kumongameli wentlanganiso yase Komani, ate kuyo u Folosi, wati: ukuba Abatembu abavumi kufuduka, maze bangalindi luncedo ku Rulumeni ezingxakekweni zabo ngoku nakwixa elizayo. Kubuye kwakulo elopepa elo 6 November kwabonakala eka J. J. Kelly incwadi ikanyeza kuqala : (1) ukuba alizangalipume ku Folosi elozwi. (2.) Kanjafo akuko lunyanzelo; (3,) ebonisa ukuba akuko bunyaniso, okokuba nemantyi yetu inomnqweno wokunga singafuduka.

Kwindawo yokuqala wonke ubani owayekulontlanganiso elozwi waliva kwanjengo Mr. Baragwanath; asimcasi u Kelly I kunteto azibonakalisa njengomnye wabateteleli betu, kuba sitanda ukunga angananda amadoda asitetelelayo, kodwa siyakukohlwa kukubabulela abanjengaye singabakanyezi kodwa ukuti abangabo. Sisalindele tjna ukubulela o Innes, amadoda angapikisani nanyaniso; tina Tembu elozwi saliva lipuma ku Folosi, ngqe, nokuba u Mr. Baragwanath angaba akasazi isi Ngesi tina saliva kwanjengaye.

Kwindawo yokuba yesibini uti u Kelly akuko lunyanzelo, mna njengomnye waba Tembu ndingati u Folosi mhlamnene wawaneka kakuhle umcimbi lo kulontlanganiso yayise Lady Frere, kodwa emva koko intsebenzo yake ayilandelanga amazwi ake, kuba ute u Mcwakumbana akuti andifuni kufuduka ndidiniwe kukuhamba, yati impendulo kwaoko ngelozwi lodwa akusesibonda ngokwesibini asilulo lunyanzelo na olo? Kanjalo luko ngokuzolifeyo kuba u Cotiyana enye yamadoda afudukiieyo lite izwi kuye lipuma ku Folosi—wena Cotiyana ndive ngemantyi ukuba wakutshwa ebubondeni, kuba wawubabatalisa abantu wakubapa amasimi, ngokoke namhla ukuba ungeza nabantu aba 60 abavuma ukuhamba nawe ubazame uze utembise ukuyiyeka lonto wawukutshwe ngayo, ndingakubhalela incwadi uze ube sisibonda sabo e Qumbu. Kwindawo yesitatu uti u Kelly kuko abati imantyi nayo ipakati kulentsebenzo; okwenene bako baninzi kakulu, ngesizatu sokuba yiyo ehamba isebenza naye, nayo yenze amazwi incedise u Folosi, ite nayo ku Mcwakumbana " ndiyamangaliswa kukuba wale ukufuduka kuba nguwe ohlala usiza kumangala uti uyatyiwa nga Mabhulu, kanjalo ayizange ivule mlomo ngayo lento ngapandle kokwenza uncedo kwelika Folosi icala, into eyoyikayo asiyazi kuba umteto ubekwe entandweni yetu tina bantu ibapeteyo besilindele ukuba nayo ingasicazela lento. Ngako ndiyipikisa mhlope into yokuba ati u Kelly akwaba abatshoyo babeko mhla kwakwenziwe intlanganiso yokunika imantyi igama; akuzanga kubeko ntlanganiso yalonto, nto siyaziyo tina ngu Mankai yedwa namadoda amane efama yake esiva ngendaba ukuba ebeyekunika imantyi igama u Tembu akalazi negama angalinika lemantyi, kuba nayo akakayazi into eke yayis'ebenza, kuba isatika besiyakubona kolufuduso intsebenzo yayo, ngako tina Tembu sisakohlwe nokuyinika igama njengokuba stingekayazi apo isebenzela kona.

Inyaniso yona abantu aba sebengamagwala, kuti kwakusetyenziswa amazwi anyanzelayo boyike, bati kwabanje mhla safuduselwa uloliwe, siyawazakudliwa impahla yetu sakwala. Yinina ukuba Silandelwe, kanti besalile entlanganisweni? bavumeke bakoyikiswa.

## *UMPANGA KA MAHONGA.*

[NGU REV. C. PAMLA.]

Ngompanga wetshawe lase Batenjini esaubika kwibala lengqomekelela zeveki edluleyo siva kubi kakulu. Lomzi na- mhlanje ufelwe yindoda ebilumnkile, izazi indlela zobuntu. Isiteti esingqondo inkulu; akuko ndoda ibinjengo Mr. Petros Mahonga e Batenjini ekumazini kwetu—umfo obengaketi zintlanga; waye bujelwe ngabafazi abatatu, intombi ka Ndema, Umbokazi, owokugqibela kubo- nakala ukuba wayengacukucezi zintlanga. Umtandi wohlanga Iwake Iwabantsundu, ebalwela nasembusweni; nakuba eyindoda enkulu enomhlaba omkulu webaso lakowabo e Batenjini, ufelwe nguyise wawo. *Lilani* Batembu siyanililisa.

Ngecala lokukanya ubengumhlobo wa bafundisi nododana olukanyiselweyo apo lamabandla abefika kubesekaya. Umxasi welizwi lika Tixo; linene ebelixashe kunene imfundo; eyake intsapo isese Kapa nanamhla; kodwa noko siyatemba ukuba umpanga wake uzakubhalwa uvela kumawabo. Okokululama kwake wabe- ka umzekelo olungileyo nakonyana bake bakwanjengaye ukululama. Yena aka- xelisanga ezinye izityebi, walibala bubo; wamtanda u Tixo, namhla wonwabile ezulwini. Siyazi ukuba kubuhlungu kubantwana bake, kodwa kuye kumnandi. Sikuza ezonkedama azishiye ngasemva; mandipele ngeliti, iti Inkosi: abo balala beku Krestu uyakuza nabo." Masingalili sincame njengabangakolwayo.

## *1BALA LEMBONGI*

Ndiyakuvumisa ham Sombawo Mekeni ngalomntaka Jabavu—ndive nam sendisiti: —

Metsho mntaka Jabavu, Nongoloxekile,
Gobisongololo, Gulwa yingxangxasi kanti
uyapumela, Mbhali wencwadi kwela
belungu, Pela mty' ongqongqo
bengaugqibi, Owowuncwela
ngowowufudumeza.

Mqashi wovalo luka Tshatshu. Nto
emapepa apuma ngolwesi-Ne Eqonc' esap'
edolopini
Asinge Sude nase Mpumalanga, Kude
epipipi kwakangela ngozwane Ndoxola
mna akufik' e Jeputa.

Mntan' ozalelw' Enxukwebe Kebampose'
Esomalseti watitshala, Bambone ngetong'
abase Dikeni Esipgis' amabombo ngase
Qonce Hai ukuba wedwa nokubawedwa
ubemnye! Xaka aliroqozi lakuba linye :
Amaxak' aroqoza x' amabini.

Uyawagqib' amadoda uno Nkuluma
Lomnka Ntonjane makagoduke Uze kwa
ntonjane bekufe ornnye Kuhlalel* ukubul'
Uxambekwana.

Ntw' ebuy' endlelen' isiy' Ehewu Ive
kusitiwa intomb' igqobokile, Nkom' ezidl'
eli lonke lase Maxoseni Zihle ngo
Mabombo zihle ngo Ngwevu Zihlalel'
ukuhla kwintabe Gqira Ngcuk' ebonwe
ngabapangeh Ipumel' Icwengcwe ipumel'
Izele

Yatshonela ku Manyube kuhlati-kulu
Yafik' ehlatini yayinkazana Ipakel' u
Kama kwabakwa Cungwa Yapakel' u
Mjodi emagqobokeni Wavel' u Mnyanda
watakazela Kwagqibel' u Mabinza
ngomtandazo

Nditsho kuwe mdaka ka Jabavu!
Sihlambokazi mnini Qwaninga
Amantlokw' Egwadana ngamahliwana
Akunjenga Zinggayi zingen' Etanga
Dyoba kamacibi ungawaseli Ngubo ka
Bacela ngeuyambeta Wambatis' o Gqoba
ngeliny' isondo Sihlala goqweni
kwamkwekazi Napakade ndaza ndakup'
imbola.

M. K. M.

The Merriman Towers,
Stutterheim, 2 November 1885.

# Ezababaleli.

UMPANGA KA NJOLI MGXWARU.

Pirie, 12 Oct. 1885.

Mzi wakowetu okwizipaluka ngezipaluka, kungosizi endinishumayeza ngokubhubha komzalwana ogama sendite ndalikankanya pezulu epepeni; endiqinisekilevo ukuba bonke abebemazi ngapambi'li bakuba sililo kunye nati. Bokumbula kakuhle abebemazi umfi lowo, ukuba ebeselengumntu oluxunga oseleman' ukusimelela ngomkuba; ngenxa yokuqaniswa ngumlenze, wayeke engapalazi kakuhle amanzi. Zite ke ezizinto zombini azatumana manzi, kwati kekona ukungapalazi kwayimbangeli yokuba angabiko nje; kuba asuke amanzi anyuka ngasemva ada azakuti nase magxeni wasukake wapela. Ngexesha abesifa ngalo, ebexoxa kunene ngalo ilizwi umfi lowo, esitsho ukuti— "wayete uyakolwa nje waye lungiselela imini. enjengale akuyo yena namhla." Enye into ebetanda ukuncokola ngayo yi-Tempile eyuyiswa kukuba umsebenzi uhamba kakuhle nase-Xukwane apo kusand ukumiswa yona. E-Tempileni ibingumqubi wemitandazo (chaplain) waye ewupapeleke lomsebenzi esapilele. Wati wakunyuka umkuhlane babalelwa bonke abantwana bake abebekwezinye indawo; zafika zona intombi nezendileyo, bati bona onyana akwabiko namnye. Wati nobese-Monti, akufikelwa yincwadi exela isimo somkuhlane, waseletabata umfazi wake nanko ewela i-Nciba esiya apo wayevela kona. Ababini abase-Dayimani abatumelanga nencwadi, singasateti nto ngento enjengokonga umntu lowo; ngokuti batumele imaii; leyo yona yinto ebingakunjulelwe kubo. Singati qanqe indawo eti — lomntu onyana bake batatu, bobatatu wabasa e-Lovedale baza besuka babedidlaba baba ngozwe liqelesile, nosiwad'e kade awenkonazana. Wasisbiyake umfi lowo ngosuku lokuqala luka-October waya, kupumla ngonapakade. Wati kubawabuba ngobusuku bolwesine, wangcwaty wa ngomgqibelo. Kwakokelwa ngama-Tempile, ehamba ngamabini, ngamabini, yaye ityeya yowawo ingasemva kwawo, tigasemva kwayo ingabendlu yake, yatike emva kwabo kwand'ukuza umzi.
Nganeno kwengcwaba kufupi, enza umkolonyama ama-Tempile, etule imingwazi yawo, yadlulake ityeya ndawonye nomzi iikuya kugaleleka engcwabeni.
Intshumayelo iqutywe ngu-Rev. B. Ross umninimzi ote wasitisa ngenteto yake ete yatutuzela ezintliziyweni, uteke wayipelekelela ngentshumayelo emnandi ngecawa elandela lomini.
Namhla owakwa—Hleke, akasokuze abuye alive ilizwi eliti. Xenikweni litsho eskwelweni— "Noze niti yatsho ingwevana engangamakwenkwe! Ukuzenza akunjenga—kwenziwa! Senzenene nantwinkulu! Woman'ukuti qash'api! qash'api! Kanti kufu kwako.

Ebesitsho umfo ka-Mgxwaru xa ayala amabandla akowabo Amahleke.

NCINCILILI.

UMNYAMA OWAUWILE.

October 14, 1885.

NKOSI YAM, —Mhleli wendaba zakowetu. Kaundifakele lemigcana imbalwa kwelopepa lamadoda akowetu. Ndifuna ukuxela ngomtshato osandu kubako apa e-Dayimani. Ngomhla wesi Tandatu kuyo lenyanga, umtshato omhle kakulu, ka Mr. Jno. Manamela no Miss Maria August, Abakapi yayingu Jos. Moss no Miss M. August, omncinane, no Miss Jemima Brooker, no Miss Ida Moss, no Miss F. Malisela no Miss M. Mandli no Miss Sarah Brooker. Into entle kakulu. Ekwati ukupuma kwabo endlini ukuya e-Tyalikeni ababinako nokuya ezikarini ngenxa yabantu, kwada kwangakumbi ku Myenikazi. Kwakunyatelana omhlope nomnyama. Wati ukupuma kwake wapuma wakwela kwikari entle kunene. Ilokwe yayi Light Blue Satin, exabiso laliyi £18 10s. nesigubungelo sayo esasiyi £1 15s. apo wayesiyakutshatela kona. Wayesiya e-West End, kwi Church of England. Bati ukufika e Tyalikeni bafika sebe lindiwe ngu Mfundisi u Rev. Mitchell, ngenxa yokubakude kwendawo leyo kwaku tshatelwa kuyo. Mandinqumnqumle. Hai wawuquba umsebenzi wake kakuhle wawugqiba akwakalazeka nto. Ekwati ekupumeni kwabo akwabonakala tuba lokuya ezikarini ngenxa yoku gityiselwa kwabo nge Rice no Mbona. Babuya baza kufika ekaya efikile ekaya u Myenikazi wangena kwigumbana lake wati uyapuma senxibe i silika emhlope. Kwati bakugqiba i Dinner bapuma ukuya kuwaka kwa ngekari, bayakufika e-Elexander's Fontein, babuya ngo 4.30 p.m. wafika umyenikazi watshintsha kwakona nge Dark Blue Satin.

Umtshato omhle kakulu ongekalibaleki kude kube nanamhlanje. Undixolele mhlobo wam ngoku ntyuntya kwam. Mandiyeke.

NDIM MBQNELI.

UMBULELO.

Emngqesba, River, 10 Nov., 1885.

NKOSI ETANDEKAYO, —Kuwe nkosi yam ndiyabulela ngokukodwa kumfo ka Hedeni, nakumfo ka Kata, naku Kiva, nakumfo ka Kitshini, kwa Witikala, nakumfo ka Aluveni no Daya. Ukunceda uhlanga abangalwaziyo, uhlanga Iwa Maxosa, wanga Usomandla angangenisa inceba nofefe kubo, ukupilisa uhlanga Iwakowetu; ngamana Inkosi ibenawo lamadoda ndiwakankanyileyo, nenzala yawo isikelelwe Yinkosi. Ndinga ke Mhleli lendawo ungayifaka kwa wa Maxosa nakwa wa Mangesi—mandipele.

Owako futi
NTENTE BUSAKWE. JOHN MEYILE.

I TOURNAMENT.

Port Elizabeth, Nov. 2, 1885.

Manenene akowetu abekekileyo ndiyazicela ingqondo zetu ngakumbi, abad'lali bebola base Qonce abazi Champion C. C., nabase Monti, nabase Rini, manene abekekileyo ndikumbula amaxesha amaninzi ekuye kuti nge holidays ezinkulu sihambele kuma Rini ngokuya kuwadlala lamanene akowetu abekekileyo, bekufuneka ake asipumze kancinane nati, siyatanda ukuke sitatazele, uti nomhlaba wetu uke ubonele lomdlalo kusakutiwa yi bola, ngokugqitisileyo ixabiso lokuza apa e Bayi liyakuba lincinane kakulu ekupeleni konyaka, imali eyakurolwa ngokusuka e Rini ukuya e Bayi zi 5s., nokubuyelela ngezizatu zalomboniso mkulu kunene, kanti kwabasuka apa besiya e Rini bayakurola imaii eninzi abahambeli bonke kwindawo ngendawo bacinga ngokuba lapa kulomboniso ababoneli xa nga i Tournament ilapa bayakuba liqela elimnandi; xa nditshoyo andaxuti Rini kodwa nawe Rini ungasivela njengesihlobo xa nga besifuna ukuvelana. Le Tournament bekufuneka ise Bayi, ize elandelayo ibese Qonce, izeke elandela leyo ibese Rini. Oku kungafaneleka kunene xa abahlobo betu banokusiyekela lomdlalo wanamhla ube lapa e Bayi, oku siyakucela ngokubekekileyo kumanene akowetu ngakumbi ama Rini; aku- soze kubeko icam elinje lokuba umntu aze apa nge 5s. nokubuyelela. Elitamsa- nqa siyakulibulela ngokugqitisileyo xa nga sivumelene namanene akowetu okokuba ibelapa lento siteta ngayo; singavuya nokuva eyona nto ipilileyo msinyane mhlaimbi sibenokuqonda msinyane ngalomcimbi ukuze sizokuzilungiselela ngexesha elilungileyo.

Ndim mboneli webola
M. X. A.

IVENKILE KA MR. P. H. POTTOR.

Emva Kokubonakala kwesaziso sika Mr. Pottor efuna iwaka labantu, ndati kuba ndandixakekile, ndambalela incwadi ndifuna ukuva ngamanani ezinto ezitile. Hayi, ute ngobunene wandazisa kakuhle, wati ke ngasezantsi: "yiza ubone kunyanisekile ukuba wobuye uze." Waye esiti inqwelo zokuya ngo Mvulo. Kute ngo Mvulo ndabona imirozo abantu abavela kona amanxesha namaqaba. Baye abantu balapa isekulapo baienga batengise kona nezikumba zabo. Emva koku ndibone kwi mpawana isicelo sokuba amanenekazi namanene apesheya kwe Nciba (apa ke) ake aye kuyibona. Ngenxa yesicelo sako Mhleli ndite ndoka ndiyokukutatela indaba ngayo. Kute sakuvala izikula ngolwesi-Hlanu sayakugqita kona namanene amabini, sifikile usamnkele ngovuyo, site sakubu- za ingubo wazirola, esite sakubuza amanani safika isuti ezilungileyo zidla £1 5s. ezinye £1 10s. Umhlola ke lonto apa pesheya kwe Nciba. Satenga ke. Ngoku kuko amanene anesuti zalomanani, ko- dwa ungapika ukuba zezawo. Site xa sincoma intengo ukulunga, wati yena amanye Amangesi ati intengo uyayona. Sati sakuposa iliso encwadini yamatyala safumana ivenkile ezimbini (zamanene ekukudala eko) kulapo sezitata kona; (noko andikuzixela kuba bonditiya). Ute umfa ka Pottor ngo Mvulo kwafika ingxowa zantlanu zomgubo (kungolwesi-Hlanu ke) ngoku akvseko nanye. Andibanga sambuza umbona kuba lemirozo ndihlala ndiyibona yeyombona wembewu nowendlala. Ute "enye inqwelo ibilayisha izolo e Qonce ndibete ucingo ukuba ezinye mazilayishe." Ute: "ukuba kuko into eniyifunayo yixeleni ndiyitumele noyifumana kule Cawa izayo." Livakele iisiti elinye inene "ledolopu ise Gcuwa ukuba ayinakutengisa ngoluhlobo mayikatywe iwele Umtata."Saye site kwasisangena seva umntu esiti " lomlungu uyayitengela ityuwa le, ngati asiyiyo eyepeni ezintandatu."

J. M. J.

# *E Lusutu.*

[IVELA KUMBHALELI WETU.]

Morija, 5 November, *1885.*

Azikabiko indaba; impi yakwa Lerothodi itintelwe ngu Col. Clarke, ubengxamele ukuya kulwa no Masopa, ongumbangi zipitipiti. Wati u Col. Clarke akufanele kwenziwa esinye isipitipiti ngapezu kwesi; kuye yena ngesiqu sake nenkosana u Teko no Seiso onyana baka Letsie.

Morija, 12 Nov., 1885.

Ezokulwa kuka Lepoko no Peete zisatinte-Iwe ngu Col. Clarke ngokuya kwake nonyana bobabini baka Letsie, u Teko no Seiso neuduna zika Letsie. Nge Cawa ye 8 ku Nov., u Col. Clarke ubetumele incwadi ku Letsie, yokumazisa uhlobo ezilungiswe ngalo ezo ndaba, noko zingekapeli kanye, njengokuba u Masupa engaxolanga kakuhle ngazo. No. koke inkosi u Letsie uxolile ngako konke akwenzileyo u Col. Clarke nonyana bake, nenduna zake.

U Col. Clarke uhlabe kanye entandweni ka Letsie, yokuba makanga shukunyiswa umntu endaweni esoloko wayipiwa ngu Mshweshwe. Ubecele nesigwebo u Colonel Clarke, kodwa wati masingabi nzima kakulu ngenxa yokuba sebonelana kwabona, Yavuma inkosi yati unyanisile u Col. Clarke ngabantwana bam, noko awapuleyo nje umteto u Lepoko makahlaule ngeshumi lenkomo (10) no Peete njalo. *(Asilunganga esosigivebo onetyala ngubanina? —Umbhali).*

# ABALIMI NA BARWEBI.

E-MARKENI.

E-QONCE (November 17).
Irasi. eluhlaza, 1/1 ngekulu
Ihabile, 9/ to 5/4 ngekulu
Itapile, 3/9 ngekulu
Umbona, 10/ to 15/2 ngekulu
Amazimba, 11/4 ngenxowa
Irasi, 4/9 to 5/9 ngekulu
Umgubo, 15/3 ngekulu
Ibran, 5/ ngenxowa
Inkuni, 8/ to 19/ ngeflara

E-KOMANI (November 17).
Irasi, 11/6 to 17*1* ngenxowa
Ihabile, 4/3 to 6/ ngekulu
Ibran, 7/6 to 8/6 ngenxowa
Itapile, 7/ to 14/ ngenxowa
Umgubo, 13/ to 15/ ngekulu
Inkuni, 20/ to 40/ ngeflara

E-ALVANI (November 13).
Ibran, 6/ to 7/6 ngenxowa
Irasi, 12/ to 14/ ngenxowa
Do. eluhlaza, Id to 4d ngesitungu
Ihabile, 5/ to 8/6 ngekulu
Inkuni, 24/ to 65/ ngeflara
Umbona, 18/ to 20/ ngenxowa
Umgubo, 26/ ngenxowa
Itapile, 14/6 to 15/6 ngenxowa

E-MTATA (November 10).
Itapile, 9/6 to 11/ ngenxowa
Ihabile, 2d ngesitungu
Inkuni, 15/ to 26/ ngeflara
Umbona, 22/6 ngenxowa

# Ezase Bayi.

[NGUMBHALELI WETU]

Intlanganiso yengxoxo e Bayi ibine *Debate* pakati ko Messrs. Nyoka no Wauchope, ngokulunga nokungalungi kokutya lomti kutiwa licuba. Icala lika Mr. F. Nyoka lalinamandla amakulu, kuba indlu yayizele zintshayi. I *President* u Mr. Ntsiko wayengeko, noko

ke waqubeka kakuhle umsebenzi pantsi kolaulo Iwe Chairman entsha u Mr. Joseph Ngaba. Yafika sekupakati i Vice-President (Mr. Xiniwe). I Chairman emva kokuvula intlanganiso ibize u Mr. I. Wauchope ukuba aoaze indlela zoknngalungi kwecuba.

Uqale ngokucaza lomti apo uvela kona, watatela ekuyeni kuka Christopher Columbus e America nge 1492 nokuwubona kwake lomti utshaywa ngabemi besiqiti sase Cuba —igama elifana kakulu negama lalomti nge Sixosa. Emva kokuba ekankanye no Nicot wase France owalingenisa kwelozwe icuba, no Sir Walter Raleigh owalisa e Ngilane, ungene ekucazeni imiti yetyefu elifike icuba libalelwe knyo ngabanokwazi ngemiti. Ute ukucaza i *narcotic poison* epakati kwecuba walinganisela ngento eyaziwajkakulu zintshayi, ekutiwa kukuyotywa, ate ke yityefu yecuba leyo xa ingene egazini. Ute kuqala lonakalisa amazinyo—ngakumbi kwabalitya zomlomo. 2. Lenza bututnu ingqondo; oku wakubonisa ngendlela ezininzi, wahlekisa abantu ngokuti umntu otshaya kakulu wohlala umfumana eyi *fool* kanye elinxila. 3. Limtsalela umntu kumakolwane angendawo, kuze ngenxa yawo ade aye etywaleni. Inqawa nebotile kubambene ngezandla —emva ko "ndiyanqanqateka" kulandela undinxaniwe. U ndicazele no "ndiseze" batsala ngadyokwe 'nye. (Hear). 4. Uknsetyenziswa kwalo asikwazi apo kuyakupela kona. Liqale ngokutshiswa enqawani, kwaya lenziwa ipolompu, kwaya laguty wa lamokotwa, kwaya lapandwa xa seliyimbatu yenqawa esixaxeni sayo, latyiwa linjalo, kwaya lanculwa intshongo—yintoni ke intshongo.—lulucwe lomntu obetshaya lusele esixaxeni sayo Iwadibana netyefu esecubeni. [Mr. Nyoka "Nonsense"]. Amabali amaninzi akade eweva abantu ekutiwa libavalelise |ezulwini akawazi ubunene bawo; kodwa nabu ubunene apo bubonakala kona—umntu uyafa, ingelosi yokufa imi apa iyambiza, kodwa yena ute nqa kukuba engatshayanga zonke eziveki, ngazwinye uyanqanqateka. kupela uyakuteta amampunge amade nge. |Cuba. 5. Libanga isifo emzimbeni icuba kwinto eninzi yabantu. Ebeke esitsho amagqira kudala, ngoku atshaya onke. Londawo ayisusi nene yokungalungi kwecuba emntwini. Lifaka ityefu emzimbeni liwubeke esicengeni sentlobo-ntlobo zobnlwelwe. Likupa amanz' omlomo (saliva) afuneka ehle nokutya ukuze kuvutwe msinyane esiswini—ngoko intshayi wohlala uzifumana zine sabongo (indigestion). Namapapu omntu ayenzakala kukutshica futi. Amagqira utnbuzo wawo wokuqala pambi kokuba akupe iyeza ngulo — "Do you smoke?" Kanti ke ukuba uvumile loti—uzuke uyeke icuba elihlaba lelenqawa. Abanye bangati ukuze baqonde ukuba into iyabulala ude base emangcwabeni, uti, lo nalo nalowa babulawa yilento. Sifuze u Tomase Didimase tina Maxosa. Nanamhla kuseko abangakolwayo ukuba imfene ziyanzonza, kupela ngesizatu sokuba "ndode ndiyibone ngala wam amehlo ukuze ndikolwe." Mhlaumbi ke ukubulala kwecuba yinto enjengokunzonza kwemfeno ezo kwinto eninzi, okanye kokona besiya kuba nepike elimnandi namblanje.

Ugqibe ngendawo yendleko zecuba—wati, intshayi ye Bhulu itshisa icuba lepeni ngemini: lomali ngomnyaka yiponti eneshumi lesheleni nepeni zontlanu. Ukuba uliqale elishumi linantlanu iminyaka yobudala bake wada waba yi 50 woba seletshaye £53. 4. 7. Lemali ke angatenga ngayo inkabi zokuiima ezilisbumi elinatnbini (£4 each) nomkango wepuluwa ye £5, azonwabele emihleni yo budala bake ngemali engeyiba ipelele ecube. ni. Intshayi ze *Golden leaf* zitshisa 3d ngemi. ni: lomali ngomnyaka yi £4 11 3. Elfqale eyi 15 wasa kwi 50 ubudala bake woba seletshise £159 13 9. Lonto ke yi bokuva ye £50 nesipani se £80 namashumi omahlanu egusha nge £30 (nditelekelelisa ngalamaxesha impahla ipantsi). Nantso ke imizi yenu madodana niyitshisa.

U Mr. NYOKA. —U Mr. Wauchope unilahlekisile ngobuciko bentloko yake. Nentaka yobusi ike iwalahle eludadeni amadoda kanti mhlaumbi iwabizele inyuehu.

Make ndibuze umbuzo nditi, wadalelwa nina lomti wenkosi ati lomfo wakwa Ntsusa namhla mawulahlwe? [Mr. Wauchope, Iyeza.] Ewe liyeza wakudinwa. Iyeza wakuxaliswa ngamaxala elizwe. Iyeza wakulamba. Iyeza wakuhamba. kuba likupa indawo yokulala apo ngeuba ugxotiwe. Ulele etyolweni wo-ncula intshongo yako uyisulele engceni, ukuze kungnsondeli nyoka kuwe. Uxinwe zimbandezelo zalomhlaba—ati ukuba ninzi kwazo! —yiti mba icuba lako enqaweni—wobona sewnngxongxile ude waliyekelela itshoba kukonwaba, ngati selilelako lonke ilizwe. Uti u Mr. Wauchope kwati kwati indjeko zecuba, ubala imali ezininzi ati ziyatshiswa! Lonto ayixeli xabiso lecuba yini? Ixabiso lalabatyi yake laziwa ngemali ayicite layo. Ndiyambulela kakulu ngokuza apa kusixelela ubukulu balento ilicuba ade alilinganise nezipani nebokuva, (kwahlekwa) ekubeni ebengazi noko ukuba unceda mna ngalendawo, make ndimlandele, ngokumkumbuza enye indawo: xa limenani icuba lishishini abefanele ukulikutaza ngokwake, ati kuti bafana— "limani icuba, linemali." Ukuba oku unokukutsho kuyabangeka ukuba ati kwakuti— "tengani icuba nilitshaye, nibaxhase abalimi.

Izityebi kwa Xosa nase Batenjini zininzi ezanyuswa licnba. Ngezipina ke namhla ukuba u Mr. Wauchope wayezelwe kwi *last century?* [Hear hear.] Andifuni ukuteta ngokulunga kwecuba emntwini; no Mr. Wauchope lendawo nyayazi, kuba akahlukani neqagana lake le *silver* elavela pesheya, enditi mna ngenkolo yokuba icuba liyeza nditande ukuhambela kuye ematyaleni ukuya kutaba i *pinch* xa ndiva intloko ibuhlu. ngu, [ulirolile apa u Mr. Wauchope iqaga lake wagwada—kwahlekwa] naloke manene, unqula kulo ukuze apumelele kule Debate. Elam ipepa ndilenze lifutshane ngenxa yokuba ndisazi ukuba aningeke niwunike umva umti ka Pezulu nangona sesitinina umkuluwa lo.

U Mr. PETER WAUCHOPE. — "Namhlanje u Mr. Mkuluwa uteta amafene. Oko ebesandifundisa bendipumelela ngecuba kwi *Square Root*; naye benditi ukuze ndiqonde ahlohlele futi igwada emakaleni.

[U Mr. Wauchope—Kwa! yininale.]

U Mr. WM. WAUCHOPE. —Mr. Chairman, andazi ukuba kuko into engade itetwe ngokucasa icuba. Mna kwamlungu warn ndenza necuba ekutiwa yi "Old Man's Comfort." Umkuluwa uti laka labnlala banina icuba? Zininzi nalapa intshayi makake ayalate. Andizanga ndimpikise noko sendinolwam usapo, kodwa namhla siyahlukana. Enjalonje kade etyoba inqawa zam—ubani! wada wancama. (Kwahlekwa.)

U Mr. JONES NOTYODA. —Oko icuba litshaywa yinto eninzi kangaka selizuze i cetificate yokuba lilungile. Wona amagqira atshaya onke, ngoko ke ndingecala lecuba.

